**ISICWANGCISO SENGENISO NENKCITHO SOMBINDI-NYAKAMALI ( HLAHLOLWABIWO-MALI) ka2021/2022-2023/2024**

**UHLAZIYO LWESINE LWESISIZUKULWANA SESINE LOPHUHLISO OLUCWANGCISIWEYO NOLOQHAGAMSHELWANO (IDP) 2021/2022**

***ISIBHENGEZO SERHAFU ZEZAKHIWO ZONYAKAMALI 2021/2022 OSUSELA NGOMHLA WE01 KWEYEKHALA KU2021 UKUYA KWEYE30 KWEYESILIMELA 2022***

Nasi isibhengezo ngokwecandelo lomthetho elingu21 no25 (4) wolawulo lukaMasipala: Umthetho wolawulo lweenkqubo zikaMasipala, 2000 ( Mthetho nombolo 20 ka2000), ukuba uhlaziyo lwesine lwesizukulwana sesine sophuhliso olucwangcisiweyo noluqhagamsheleneyo, uhlahlolwabiwomali, irhafu yezakhiwo irhafu-gabalala kunye nezintsha kwakunye nohlahlolwabiwo-mali oluhlaziyiweyo nemigaqo-nkqubo engqamene nook zikanyaka-mali ka2021/2022 ngokokwakhelwa umkhanya nophononongo ngu licandelo lomthetho sihlomelo17 lomthetho wolawulo looMasipala: Umthetho wolawulo lweemali zikaMasipala ka2003 (Mthetho nombolo 56 ka2003) ngokuphunyezwa liBhunga likaMasipala ngomhla we26 kuCanzibe 2021 njengoko kugunyaziswa ngu nguMthetho-sisekelo. Uphuhliso olucwangcisiweyo loqhagamshelwano (IDP) luyabhengeza ngokwecandelo lomthetho sihlomelo18 loHlahlolwabiwo-mali lukaMasipala nemigqaliselo yopapasha. Iinkcukacha ezipheleleyo ngesigqibo sebhunga, umgaqo olawula irhafu, umgaqo wendlela ekhethekileyo yokufumanisa uqikelelo lerhafu oluchanekileyo kwakunye nendlela zokwaphulela ngokwamanqanaba athile abanini zakhiwo okanye abanini zohlobo oluthile lwezakhiwo njengoko zichaziwe ngokohlobo olusele luchaziwe ngokwalemigaqo ichazwe ngentla apha nangokoPhuhliso olucwangcisiweyo noluqhagamsheleneyo (IDP) nemiqulu yohlahlolwabiwo-mali iyafumaneka kwiInternet kaMasipala (www.stellenbosch.go.za) nakwezindawo zilandelayo:

iOfisi kaMasipala, Plein Street, Stellenbosch;
iOfisi kaMasipala, Hugenote Way, Franschhoek;
iOfisi kaMasipala, Main Road, Pniël;
nakwiiOfisi zooCeba;
iThala leencwadi, Plein Street, Stellenbosch;
iThala leencwadi, Sonnebloem Street, Ida's Valley, Stellenbosch;
iThala leencwadi, Long Street, Cloetesville, Stellenbosch;
iThala leencwadi, Masithandane Street, Kayamandi, Stellenbosch;
iThala leencwadi, Main Road, Pniël;and
iThala leencwadi , Reservoir Street West, Franschhoek.
iThala leencwadi ,Le Roux Street, Groendal, Franschhoek.

## NASI ISIGQIBO NGOKUBIZA IRHAFU KWIZAKHIWO SIKANYAKAMALI KA2021/2022

Nasi isaziso ngokoMthetho sahluko 14(1), 14(2) no22(1) somthetho wolawulo lwerhafu kamasipala (nombolo 6 ka2004) (iMPRA); apho ibhunga likaMasipala waseStellenbosch, kwintlanganiso ebibanjwe ngomhla we 26 kuCanzibe 2021 ithe yagqiba ngokungqameneyo nesigqibo

esingu8.3.5(e) ukuthi babize irhafu kwizakhiwo ezi zidwelisiweyo ke koluluhlu lungezantsi kwaye kwaphunyezwa nohlobo lobiza irhafu oluthile kwi ndlela yomlinganiselo wesaphulelo kunye nendlela yohluzo olukhethekileyo lwerhafu ngokwezithili njengoko kubonisiwe kucandelo “B” no “C” apha ngezantsi, okuzosusela ngomhla we01 kweyeKhala 2021.

## A. Irhafu yezakhiwo

| Inqanaba lesakhiwo | Rate |
|---|---|
| Residential | R 0.004481 |
| Industrial | R 0.009858 |
| Business and Commercial | R 0.009410 |
| Agricultural | R 0.001120 |
| Mining | R 0.010306 |
| Public Service Purposes | R 0.009410 |
| Public Service Infrastructure | R 0.001120 |
| Public Benefit Organisation | R 0.001120 |
| Heritage | R 0.003585 |
| Vacant Residential | R 0.008962 |
| Vacant Other (not Residential nor Agricultural) | R 0.017924 |
| Multiple Use Purpose (Identified components are categorised and rated as per the above) | Multi Tariff |

## B. Isicwangiso sesaphulelo

Isicwangciso sesaphulelo sichazwe ngokuthe gabalala kuparagrafu 8 wemgaqo-kqubo werhafu yezindlu kaMasipala. Inxalenye yoko zezizaphulelo ezingezantsi:

### 1. Isaphulelo kunye nengqokelela yomvuzo wekhaya lonke wenyanga wabantu abadala kwakunye

| *Gross Monthly Household Income* | | | | *% Rebate* |
|---|---|---|---|---|
| Ukuyotsho | | | kuR 8 000 | 100% |
| Ukusuka | R 8 001 | ukuyokutsho | R 10 000 | 75% |
| Ukusuka | R10 001 | ukuyokutsho | R 12 000 | 50% |
| Ukusuka | R12 001 | ukuyokutsho | R 15 000 | 25% |

### 2. Isigaba aqala naphela kuso ukuxabisa irhafu yezakhiwo uMasipala

Kwizakhiwo zokuhla ezithi zibekoluluhlu lixabiso lesakhiwo eliphela kuR250 000, xabiso elo elidibanisa iR15 000 ngokwesigaba somthetho17(1) (h) weMPRA kunye neR235 000 umgido ophungulwayo ngokweparagraph 8.2(ii) wophunyezo lwewomgaqo werhafu yezakhiwo. uParagrafi 8.2.1(ii) ungqamene kuphela nezakhiwo ezikwixabiso eliyokufikelela kuR5 000 000.

### 3. Izaphulelo ezikhethekile kwizakhiwo eStellenbosch

Isaphulelo se 20% singenziwa nganxa kaparagrafi 8.6 womgaqo nkqubo werhafu yezakhiwo kaMasipala ophunyeziweyo.

## C. IZITHILI EZITHILE EZIYE ZANIKWA IZIGABA ZOXABISO:

### 1. Irhafu yezithili ezithe zanikwa ingqwalasela ethile

*(Refer to the Special Rating Area Policy of the Municipality)*

| Isithili eso | Irhafu (Kudibene neVAT) |
|---|---|
| Jonkershoek | R 0.000942 |
| Technopark | R 0.001660 |

**G Mettler**
**Umphathi Masipala**
**Stellenbosch Municipality**

STADSHUIS/TOWNHALL • PLEINSTRAAT/ PLEIN STREET • STELLENBOSCH • 7600 • POSBUS 17 / P.O.BOX 17
• STELLENBOSCH • 7599 • TEL+27 21 808 8025 • FAX: +27 21 886 6749
• EPOS/EMAIL: MUNICIPAL.MANAGER@STELLENBOSCH.GOV.ZA• WEBSITE: WWW.STELLENBOSCH.GOV.ZA